



Isalathiso: COVID-19/20200517  
Imibuzo: BK Schreuder

ZiNqununu neeKomiti zoLawulo zeZikolo ezibekileyo zazo zonke izikolo zikarhulumente

(Makwaziswe namaBhunga oLawulo eZikolo)  
(Makwaziswe neZikolo eziZimeleyo)

### **ISikhokelo sokulawulwa kwe-Covid-19 kwizikolo zikarhulumente**

Nge-30 Apreli 2020, uMphathiswa weMfundo esiSiseko likaZwelonke wabhengeza iinkcukacha ezimalunga nokuvulwa kwakhona kwecandelo lezemfundo kusetyenziswa inkqubo yokubuyela ngezigaba ezithile.

Ukususela ngoko, ndibambe iingxoxo eziliqela neSebe leMfundo esiSiseko likaZwelonke (*National Department of Basic Education (DBE)*), nabaphathi abaphezulu beSebe iWCED, neemanyano zootitshala, imibutho yamabhunga olawulo ezikolo nemibutho yeenqununu.

Kule izayo zonke ii-SMTs nabasebenzi abangengabo ootitshala baya kuba sesikolweni ukuya kwenza imisebenzi ebaluleke gqitha ukulungiselela ukubuya kootitshala (ngomhla we-25) kunye nabafundi. Kule veki iphelileyo, ukuya kuma nge-15 kaMeyi, zingaphezu kwe-80% iinqununu ebezisezikolweni eNtshona Koloni yaye bangaphantsi kwe-75% abasebenzi abacocayo ezikolweni abebekho yaye sele beqalisile ukucoca ngocoselelo ezikolweni. Oku kuye kwenzeka njengoko izikolo besele zinazo izinto zokucoca izikolo (ukulungiselela ukuqala nayiphi na ikota yesikolo entsha) yaye iqela elincinci labasebenzi ababuyela kuqala bonke mababe neemaski xa besuka kumakhaya abo.

Ukuziswa kwezinto (*material*) ezithengiweyo ngumsebenzi omkhulu kakhulu, yaye ndiqinisekile ukuba nani nonke niyakuqonda oko. Ukuziswa kwezinto kuqale kwiveki ephelileyo yaye kuya kuqhubeka nakule veki xa izii-SMTs nabasebenzi abangengabo ootitshala besesikolweni (naphambi kokubuyela kwabo bonke abasebenzi). Izinto ezithengiweyo ezahlukileyo ziya kuziswa ngemithwalo eziziqephu ezahluka-hlukeneyo, yaye owokuqala ukuziswa, ulungele ukwamkela amaqela okuqala abafundi. Senze amalungiselelo okuba ibhetshi yokuqala yeemaski iziswe ezikolweni kule veki ngokuqala kugqithwe kwii-CMs nakwii-Ofisi zeZithili. Izikena zamaqondo obushushu (*temperature scanners*) nazo zicwangciselwe ukuziswa kule veki izayo.

Isibe iWCED lenze idrafft yeSikhokelo sokulawulwa kwe-Covid-19 kwizikolo zikarhulumente ngenjongo yokunika inkxaso izicwangciso namalungiselelo enu okubuyela kootitshala nabafundi, kwakunye nokunincedisa ekugcineni imithetho yokhuseleko yezempilo nococeko.

Isikhokelo siquka izigaba ezahlukahlukeneyo, amanyathelo nengcaciso enengeendlela zokulawulwa kwe-Covid-19 ezikolweni zenu. Niyacelwa niwafunde la maxwebhu ngocoselelo yaye niwasebenzise ukwenzela ukuba niqinisekise ukuba izikolo zenu ziyayithobela imigaqo emitsha.

La maxwebhu aqhotyoshelweyo aquka oku kulandelayo:

- **A – ISikhokelo seSebe iWCED: Ingcaciso ebalulekileyo esuka kwiSebe lezeMpilo lePhondo**
- **B – ISikhokelo seSebe iWCED: IiNdima neMisebenzi**
- **C – ISikhokelo seSebe iWCED: Ukuqhelaniswa nemeko eqhubekayo kwaBasebenzi naBafundi**
- **D – ISikhokelo seSebe iWCED: Ukuhlolwa kwaBasebenzi naBafundi**
- **E – ISikhokelo seSebe iWCED: Ukucocwa kwezikolo nokugcina imithetho yempilo nococeko**

Asikawafumani amaxwebhu agqityiweyo asuka kwiSebe leMfundo esiSiseko likaZwelonke amalunga nala angentla, kwakunye neminye imiba thina sonke esifuna ukucaciselwa ngayo ngokungaphezulu.

Ngokwalo mzuzu iSebe iWCED ligqibezela ezi Zikhokelo zilandelayo ukulungisilela ukuninika inkxaso engaphezulu: La maxwebhu aya kuthunyelwa kuni kwezi ntsuku zimbalela zizayo ukulungiselela ukubuyela kwabafundi ezikolweni.

- **F – ISikhokelo seSebe iWCED: Ukutyiswa kwabafundi esikolweni**
- **G – ISikhokelo seSebe iWCED: Inkxaso ngokwasengqondweni nangokwasentlalweni**
- **H – ISikhokelo seSebe iWCED: Ukulawulwa kokhuseleko lwabasebenzi abasele beneemeko zezigulo ezithile (underlying comorbidities)**
- **I – ISikhokelo seSebe iWCED: Ukulawulwa kwabafundi abasele beneemeko zezigulo ezithile (underlying comorbidities)**
- **J – ISikhokelo seSebe iWCED: Ukhuseleko lwaBafundi abakwiSkim soThutho lwaBafundi**
- **K – ISikhokelo seSebe iWCED: Ukulawulwa kokhuseleko ezihostele ngethuba le-Covid-19**

Ndithemba ukuba zonke ii-SMTs ziya kuwafunda la maxwebhu ezikhokelo yaye zikucacise okuqulethwe ngawo. Izikolo ezizimeleyo zamkelekile ukuba zisebenzise ezi zikhokelo ukulungiselela ukubuyela kwazo ezikolweni.

Kukwabalulekile nokuba zonke izikolo zingenise iilisti zokuqala zabasebenzi abahlukahlukeneyo **abaneemeko zezigulo ezithile (comorbidities)** kwii-ofisi zezithili zazo. Niyacelwa nixele kwilisti yasekuqaleni yamalungu eSMTs, abasebenzi abangacociyo nabanye abasebenzi.

Ndifumene iqela lemibuzo malunga nenkqubo yokuhlola emalunga nokuba ngubani na ohlodayo yaye ehlolwa ngubani yena esikolweni. **Niyacelwa niqwalasele ngenyameko kwisiHlomelo D – ISikhokelo seSebe iWCED: Ukuhlolwa kwaBasebenzi naBafundi**

Yonke imihla, wonke umqeshwa makahlolwe. Inqununu mayihlolwe lilungu leSMT elenza lo msebenzi, okanye lisekela-nqununu. Inqununu inako emva koko ukulihlola elo gosa.

Kubalulekile ukuba kuthathwe iqondo lobushushu lomntu ngamnye kwaba, umfundi, utitshala, umsebenzi ongengotisthala, yaye lirekhodwe. lithemometha zicwangciselwe ukuziswa ezikolweni kule veki izayo.

Oku kulandelayo yimibuzo emihlanu ekufuneka iphendulwe ngumntu ngamnye xa efika esikolweni.

I-No	Umbuzo
1	Ingaba unokhohlokhohlo?
2	Ingaba unefiva?
3	Ingaba uphelelwa ngumoya xa uphefumla?
4	Ingaba unomqala obuhlungu?
5	Kwezi ntsuku ziyi-14, ubukhe wadibana nomntu osulelekileyo one-Coronavirus (COVID-19)?

Ukuba kunokwenzeka ukuba nawuphi na umsebenzi aphendule ngo-ewe kuyo nayiphi na imibuzo kule ingentla, kucetyiswa ukuba umsebenzi agoduswe njengeniyathelo lokulumkela okungekehli. Ukuba ezi mpawu zifana nezeflu ziyazingisa, okanye ukuba umntu uye wadibana kanye ngqo nomntu onentsholongwane i-coronavirus, makancede aqhagamshelane nenombolo kaxakeka kazwelonke (*national hotline*) apha: 0800 029 999 okanye nenombolo kaxakeka yephondo apha: 021 928 4102 ukufumana iingcebiso ngokuba enze ntoni na emva koko. Ukuhlolwa kwabasebenzi nabafundi yinkqubo ekhuselekileyo ukuba ukuqelalalana kwabantu okuchaphazelekayo nezinye iiprothokholi zithathelwa ingqalelo ngawo onke amaxesha.

ISebe iWCED kungokunje ligqibezela izikhokelo ezithile malunga nokuba leliphilinyathelo elinokuthathwa sisikolo xa kunokwenzeka ukuba umfundi abonakale egula okanye abonise iimpawu ezinxulunyaniswa ne-Covid-19, nenkqubo echaphazelekayo ukuba kukho umntu ekuqinisekisiweyo ukuba usulelekile yi-Covid-19.

Ndifuna ukubulela ngokungazenzisiyo zonke iinqununu zethu namalungu e-SMTs, abasebenzi abacocayo nabasebenzi abangengabo ootitshala abasele beqalisile ukucoca nokucwangcisa le meko-bume yahlukileyo ngokukhulu. Ndinethemba lokuba le ngcaciso iqhotyoshelweyo iya kunceda xa nenza amalungiselelo okuqaliswa kokufunda phantsi kwezi meko zinzima ngokugqithisileyo. Andinamathandabuzo ngokuba liza kubuvavanya ubunkokeli benu, umbono wenu nokunyamezela kwenu ingakumbi ukubheka phambili kule veki izayo.

Owenu ngenene

A handwritten signature in black ink, appearing to read 'BK Schreuder', with a horizontal line underneath.

**BK SCHREUDER**

**INTLOKO: YESEBE LEMFUNDO**

**UMHLA: 2020-05-15**